Isalathiso: 20210701-4086
Inombolo yefayili: 12/2/8/17/1/2
Imibuzo: K Lackay

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuNika iNkxaso yeZibonelelo kumaZiko: 0007/2021

Iya: KuMlawuli oyiNtloko weZithili, kuBalawuli beZithili, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo bezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo ezixhobisa ngezakhono ezineendlela zeZikim zoThutho lwaBafundi ezidluliselwe kulawulo lwezikolo

Isihloko: Ukuhlanganiswa kwezicelo zamabango esikim sothutho lwabafundi i-*LTS* namagama abafundi abakwiziko ledatha ye-*LTS* kwisistim i-*CEMIS* kwanokumiselwa kweekomiti zothutho lwabafundi ezikolweni ezineendlela ze-*LTS* ezidluliselwe kulawulo lwezikolo

1. **Ukuhlanganiswa kwezicelo zamabango zesikim sothutho lwabafundi i-*LTS* namagama abafundi abakwiziko ledatha kwisistim i-*CEMIS***

1.1 Isikolo esinendlela ye-*LTS* edluliselwe kulawulo lwesikolo singenisa izicelo zamabango zabafundi abaza kuthuthwa kwiCandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali qho ngeenyanga ezintandathu ukufumana intlawulo ngoomatshini ngokuphathelele kwiinkonzo eziza kwenziwa. Luxanduva lwesikolo ukuqinisekisa ukuba amagama abafundi ekwenziwe izicelo zamabango ayavela kwiziko ledatha le-*LTS* kwisistim i-*CEMIS* ukulungiselela intlawulo ngoomatshini eziya kuthunyelwa esikolweni ukulungiselela bonke abafundi ekwenziwe amabango abo.

1.2 Ukwenzela ukuba kuqinisekiswe ukuba amagama abafundi akwiziko ledatha ye-LTS kwisistim i-*CEMIS* ayangqinelana nawabafundi ekwenziwe izicelo zamabango abo, isikolo kufuneka sisebenzise izihlomelo eziqhotyoshelweyo apha kwiNgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuNika iNkxaso yeziBonelelo kumaZiko 0004/2021, yange-02 Juni 2021, ukwazisa icandelwana elijongene ne-*LTS* kwaNdlunkulu malunga nabafundi abangasayisebenzisiyo inkonzo nabafundi abafanelekileyo abanamagama abo angaveliyo kwiziko ledatha i-*CEMIS*.

1.3 Zisakuba zifunyenwe izihlomelo ezichaphazelekayo licandelwana i-*LTS* kwaNdlunkulu, iinkcukacha zabafundi abangasayisebenzisiyo i-*LTS* ziya kususwa kwiziko ledatha le-*LTS* kwisistim i-*CEMIS*. Iinkcukacha zabafundi ezingeniswe sisikolo

zinokuhlaziywa kwisistim i-*CEMIS* kwakuba kuqinisekisiwe ukuba abafundi bayifanele i-*LTS* kwanokuba aligqithisanga inani elininzi labafundi elivunywe ngokusesikweni eliya kuthuthwa .

1.4 Ukuthintela ukuphoxeka, kucelwa izikolo ziqinisekise ukuba amagama abo bonke abafundi abanqwenela ukwenza izicelo zamabango abo ayavela kwiziko ledatha kwisistim i-*CEMIS* ngexesha lokungeniswa kwamabango kwiCandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali.

1.5 Kucelwa izikolo ukuba zizalise isibhengezo esiqhotyoshelweyo ukulungiselela abafundi abasebenzisa indlela emiselweyo ye-*LTS* kuze kuqhotyoshelwe iprintawuthi (*printout)* yoluhlu lwamagama njengoko avelayo kwiziko ledatha le-*LTS* lesistim i-*CEMIS* ukulungiselela indlela emiselweyo nganye. Iimali ezilungiselelwe abafundi abaza kuthuthwa ziya kuhlawulwa ngoomatshini kwisikolo eso ngokungqinelana kanye ngqo noluhlu lwamagama olufunyenwe kwiziko ledatha le-*LTS* kwisistim i-*CEMIS*.

1.6 Ukwenzela ukungena yaye kujongwe ingcaciso yabafundi ngendlela emiselweyo nganye kwisistim i-*CEMIS*, le nkqubo ilandelayo kufuneka ilandelwe:

a) Ngena kwisistim i-*CEMIS*.
b) Kwikhasi lemenyu, yalathisa ikhesa (*cursor*) kwisihloko u-"*Administration*". Kuya kuvela "*Learner Transport" option* kwi-*drop-down list*
c) Yalathisa ikhesa (*cursor*) phezu ko-"*Learner Transport" option* yaye kuya kuvela i-"*Capture Screens" option* kwi-*drop-down list*.
d) Klikha kwi-"*Capture Screens*".
e) Kwisikrini esilandelayo, klikha ku-"*Proceed*" ngaphandle kokukhetha ibakala.
f) Kwisikrini esilandelayo, klikha ku-"*Summary Section*" wandule ukukhetha inombolo yendlela emiselweyo efanelekileyo.
g) Kuya kuboniswa ilisti ngoku ebonisa abafundi abagunyazisiweyo kwindlela emiselweyo ekhethiweyo.

2. **Ukumiselwa kwekomiti yothutho lwabafundi ezikolweni ezine-*LTS* edluliselwe kulawulo lwezikolo**

2.1 Isikhokelo esinikwe isikolo xa kuvunywa ngokusesikweni indlela emiselweyo ehlawulelwa sisikolo, sifuna ukuba ibhunga lolawulo liqinisekise ukuba:

a) iinkonzo ze-*LTS* zipapashwa kwangethuba nangokuchanekileyo;
b) kulandelwa inkqubo echanekileyo ngokunxulumene nokutyunjwa kweekontraki ze-*LTS*;
c) kungenwa kwimvumelwano yexesha esele liqingqiwe kwangaphambili (elingadlulanga kwiminyaka emihlanu); kunye
d) neendawo zokukhwelisa kwabafundi nezicwangciso zexesha ukulungiselela ukuthuthwa kwabafundi ezichazwe ngokucace gca.

2.2 Ngokumalunga nale mfuno ingummiselo ingentla, kucelwa niqwalasele uMmiselo 32 wemigaqo i-*Procedures for the Establishment and Election of Governing Bodies at Public Schools Regulations, 2021,* owapapashwa kwiGazethi yePhondo esiSongezelelo No. 8398 yange-12 Matshi 2021, enxulumene nokusekwa kwayo nayiphi na ikomiti yebhunga lolawulo kwanokuqeshwa koosihlalo abachaphazelekayo.

2.3 Amabhunga olawulo ezikolweni alawula iindlela ze-*LTS* ezidluliselwe kulawulo lwezikolo, makaqinisekise ukuba usihlalo otyunjiweyo kwikomiti yothutho lwabafundi lilungu elinelungelo lokuvota lebhunga lolawulo.

3. Iyathakazelelwa kakhulu intsebenziswano yenu malunga noku.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2021-08-20